



## N – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kweKharithulam

|   |   |   |
|---|---|---|
| ICandelo eLikhulu loLawulo lweKharithulam noVavanyo | N - ISikhokelo seSebe iWCED:<br>Ukulawulwa kwekharithulam |   |
| N- ISikhokelo seSebe iWCED                          | Sikhutshwe nge:<br>27 Meyi 2020                           | Masijongisiswe<br>njengesiyimfuneko naxa<br>kuyimfuneko |

Sivunywe yiNtloko yeSebe:



BK Schreuder  
Umhla: 2020-05-27

## **N – ISIKHOKELO SESEBE IWCED: UKULAWULWA KWEKHARITYHULAM**

### **1. Injongo**

Injongo yesi sikhokelo kukunika iingcebiso malunga nekharityhulam novavanyo ukulungiselela ukusetyenziswa kwekharityhulam etshintshwe apha naphaya yamaBakala 7 nele-12.

### **2. Inkxaso enikwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ngethuba lemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo**

2.1 Lo gama injongo yokuqala ibikukunika inkxaso ekuqaleni kokumiselwa kwemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo, ngokubonelela ngezibonelelo zokufunda kubafundi ukubanceda baqhubeke nezifundo zabo, iye yatshintsha yaliphulo lokunika inkxaso kootitshala nakubafundi.

2.2 Injongo ibikukunika inkxaso ukufundisa nokufunda kwisifundo ngasinye kwibakala ngalinye ngokusekelwe kwi-*Teaching and Assessment Plans (TAPs)* ezazinikwe ootitshala ekuqaleni konyaka wesikolo ka-2020.

2.3 Amaphulo okunika inkxaso aqulunqelwa ukufundiswa kwekharityhulam ye-*General Education and Training (GET)* ne-*Further Education and Training (FET)* yaye omelezwa amaphulo licandelo lophuhliso lootitshala (*teacher professional development*) eligxininisa:

- ekuncedeni ootitshala bafundise bengaphandle kumasango esikolo (*remotely*); kunye
- nokunceda abafundi ukuba bafunde bencediswa ekhaya (amabakala aseprayimari ubukhulu becala) okanye ngokuzifundela ngokwabo (*self-directed learning*) (amabakala ezikolo eziphakamileyo ubukhulu becala).

2.4 **IsiHlomelo A** sishwankathela inkxaso ebonelelweyo nesafumanekayo. Kucetyiswa ukuba ootitshala bangene kumaziko ewebhu anikiweyo ukufikelela kwimathiriyeli yekharityhulam eninzi nakumaphulo ophuhliso lootitshala.

2.5 Izifundo ezisasazwa ngerediyo nethivi eziziindidi nazo ziyafumaneka ukwenzela ukuba zihlanganiswe ekunikeni inkxaso ekufundiseni nasekufundeni. Amagosa nootitshala eSebe iWCED afaka igalelo qho kwezi zifundo zisasazwayo.

### 3. Ukubuyela kwabafundi bamaBakala 7 nele-12

- 3.1 Ngethuba leKota 1 yonyaka wesikolo ka-2020, iimvavanyo eziqhubekela esikolweni (SBA) zaqhubeka ngokweengcebiso ezazinikwe kwi-TAPs (<https://wcedportal.co.za/eresource/88496>).
- 3.2 Emva kokuphulukana phantse neeveki ezisibhozo zesikolo, ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo, iSebe leMfundo esiSiseko (DBE) kunyanzeleke ukuba liyitshintshe apha naphaya ikharithulam neemfuno ezimiselweyo ze-SBAs ukwenzela ukuba zilungelane nekhuleni ehlaziyiweyo yonyaka wesikolo kumaBakala R ukuya ku-11. Ikharithulam yeBakala 12 ihleli ingatshintshanga.
- 3.3 Ikharithulam yeCAPS incitshisiwe yayikhontenti enako ukulawulwa (makufundwe **isiHlomelo B**) ebandakanya izakhono, ulwazi, iindlela zokucinga neemfundiso ezisisiseko ngesifundo ngasinye ngebakala ngalinye ukwenzela ukuba:
  - 3.3.1. kucacisiwe yaye kungqinelanise omakufundiswe nomakuvavanywe nekhuleni yesikolo ehlaziyiweyo;
  - 3.3.2. kwenziwe izicwangciso yaye kusetyenziswe iinkqubo ezibubuchule zokufundisa ukuqinisekisa ukuba kuyaqhubeka ukufundiswa ngokunzulu nongokuyintsingiselo;
  - 3.3.3. indlela emayilandelwe yokufunda kubafundi ihlala igcinwe injalo, ngaphandle kokudlelelela ukugqithela phambili kwabo phakathi kwamabakala; yaye,
  - 3.3.4. abafundi nootitshala abafakwa phantsi koxinzelelo olungeyomfuneko ukuzama ukugqiba ikharithulam ephelileyo, kodwa bayakulawula ukufunda kwabo okungundoqo kweli thuba liseleyo.
- 3.4 Iimvavanyo ii-SBAs nazo ziya kutshintshwa apha naphaya. ISebe iDBE liya kubonelela ngengcaciso ngenani lemisebenzi yeeSBAs eya kufuneka. Ukusetyenziswa kweenkqubo ezizezinye zovavanyo kuya kukhuthazwa yaye kuya kugxininiswa kwiimvavanyo ezingaphezulu EZENZELWA ukufunda (*formative*) kunovavanyo LOKUFUNDA (*summative*).
- 3.5 Iimfuno ezimiselweyo zokufundisa novavanyo ziya kuchazelwa zonke izikolo kusetyenziswa imbalelwano nonxibelelwano ngekhompyutha kwisifundo ngasinye njengokuba kuye buyiselwa ezikolweni amabakala ngokwezigaba. Iinguqu zicaciswe kwinkcazo-ntetho ka-PowerPoint eya kuthunyelwa kootitshala.
- 3.6 Aziyi kubakho iimviwo zangoJuni. Nakuba kunjalo, iimviwo zeBakala 12 zokuzivavanya (*Grade 12 trial examinations*) zimele ukubhalwa njengeko bekusenziwa ngaphambili, kusetwe amaphepha emibuzo yaye amodareyithwe ngootitshala kwinqanaba lesikolo.

#### 4. lindlela ezintsha zokufundisa, ukuvavanya nokufunda

- 4.1 Ubunkokeli ekufundiseni bekomiti yolawulo yesikolo (*school management team (SMT)*) ke ngoko buyimfuneko ukuqinisekisa ukucwangcisa okuyimpumelelo ukulungiselela iindlela ezintsha zokufundisa, zovavanyo nokufunda. Makuthathelwe ingqalelo oku kulandelayo kubalulekileyo:
- 4.1.1 Indlela yokuqinisekisa imfuno emiselweyo yokuqelelana (makufundwe **isiHlomelo C**) iyalandelwa mbo xa kuqhubeka ukufundisa novavanyo.
- 4.1.2 Indlela yokucwangcisa ngokugqibeleleyo ukufunda nee-SBAs ngokwale kharithulam itshintshwe apha naphaya ukwenzela abafundi abasesikolweni nabafundi abasemakhaya.
- 4.1.3 Inxaso yekharithulam enikwe liSebe iWCED (kwi-WCED ePortal nangabacebisi bezifundo) inokusetyenziselwa ukomeleza ukucwangcisa nokufundisa.
- 4.1.4 lindlela zokufundisa (ngaphandle kwezo zokudibana nabafundi ubuso ngobuso) eziya kufuneka ukunika inkxaso iifunzo zokufunda zabo bonke abafundi, umzekelo imathiriyeli eprintiweyo, amaqonga onxibelelwano ngo-WhatsApp namanye amaqonga onxibelelwano ngethekhnoloji.
- 4.1.5 Indlela yokuqinisekisa ukuba bonke abafundi banako ukufikelela ngokupheleleyo kwiindlela zokufundiswa ezisetyenziswayo.
- 4.1.6 Ukuba ngaba abafundi nabako na ukuyigqiba imisebenzi yovavanyo esikolweni nasekhaya yaye ukuba oku kuya kumnceda umfundi abone unxulumano phakathi kwento abayifundileyo nelizwe elimngqongileyo.
- 4.1.7 Ukuba ngaba umfundi ngamnye uneencwadi zezifundo ezizezakhe (le yimfuno emiselweyo nebalulekileyo) kunye/okanye iincwadi zomisebenzi.
- 4.1.8 Amathuba ophuhliso lootitshala akhoyo ukunika inkxaso ootitshala ukwenzela ukuba babenako ukufundisa ngokuyimpumelelo kwezimeko zintsha.
- 4.1.9 Indlela yokusebenza okanye yokwabelana ngezibonelelo zethu kunye nezinye izikolo.
- 4.2 Ukunika inkxaso kwizicwangciso zale nkqubo kwinqanaba lesikolo, siqulunqe iphepha elinye elinengcaciso ebalulekileyo otitshala amabayithathele ingqalelo xa bebuyela esikolweni. Lilinge elilula lokubaqhelanisa nokubuyela esikolweni kootitshala, kodwa "sisikhokelo sokucinga" ekunikeneni iimpendulo zemibuzo yeendlela zokufundisa ezibalulekileyo ezimele ukuboniswa ngootitshala xa beqalisa ukwenza izicwangciso zabo kwakhona (**isiHlomelo D**). Sijongene notshintsho kwinkqubo yezemfundo yaye oko kuya kufuna ngamandla iindlela zokucinga nokwenza ezintsha.

## **5. Okubalulekileyo omakwaziwe ngootitshala beBakala 7**

- 5.1 Apho izikolo zingazigqibanga ii-SBAs zeKota 1, mazigqitywe yaye zirekhodwe kwi-CEMIS.
- 5.2 Ziya kubonelelwa iinkcukacha kwizicwangciso zokumodareyithwa kwee-SBAs, ii-*Practical Assessment Tasks (PATs)* ezincinane neemviwo zepraktikhali. Iinqununu nakuba kunjalo maziqinisekise ukuba ziyaqhutywa zonke ii-SBAs ezingaphambi nasemva kokumodareyithwa.
- 5.3 Izifundo zeKota 3 neye-4 ziya kwenziwa zifumaneka yaye zenziwe ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi nangesiXhosa.
- 5.4 I-*GET Resource Pack ye-ECD* – yeBakala 9 nayo iya kufumaneka ukuncedisa abafundi. Oku kuya kuquka iividiyo nemisebenzi kuzo zonke izifundo ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi nangesiXhosa.

## **6. Okubalulekileyo omakwaziwe ngootitshala beBakala 12**

- 6.1 Lo gama ikharityulam yeBakala 12 ingalungelelaniswanga (*trimmed*), iinguqu neminyinyiva yenziwe kwii-SBAs. Iinguqu kwiimviwo ze-orali nezepraktikhali nazo zicacisiwe kwisifundo ngasinye.
- 6.2 Izifundo ezisekelwe kwikharityulam etshintshwe apha naphaya ziya kuqulunqwa ukwenzela iKota 3 neye-4 ngesiNgesi nesi-Afrikansi. Izifundo zaqho ngeveki zeKota 2 ziyafumaneka kwi-WCED ePortal.
- 6.3 Apho izikolo zingazigqibanga ii-SBAs zeKota 1, mazigqitywe yaye zirekhodwe kwi-CEMIS ungalulanga owe-15 Juni 2020.
- 6.4 Iinkcukacha ngokumodareyithwa kwee-SBAs, ii-PATs neemviwo ze-orali ziya kubonelelwa. Iinqununu nakuba kunjalo maziqinisekise ukuba ziyaqhutywa zonke ii-SBAs ezingaphambi nasemva kokumodareyithwa.
- 6.5 Ithayimthebhile yoviwo yokugqibela iya kujongiswa yaye iinkcukacha ziya kwaziswa izikolo zakuba zigqityiwe.

## **7. Inkxaso noPhuhliso lootitshala**

- 7.1 Imenyu equka konke efunaneka kwiikhosi ezenziwa ku-intanethi, eziqulunqwe ngamaCandelo eGET, eleFET, ele-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI), ele-eLearning nele-Inclusive Education, inokufunyanwa yaye

isetyenziswe ngootitshala kwiimfuno zabo nakwezo zomsebenzi wabo wokufundisa.

- 7.2 Ezi khosi zifikelela kwimiba emalunga nekharithulam (yeSigaba seSiseko, esiPhakathi neSigaba esiPhakamileyo, kwakunye nese-FET), nemfundo ebandakanya bonke abafundi, uhlanganiso lwe-ICT, ulawulo lwesikolo nobunkokeli, njl.njl. Ingcaciso engaphezulu ngala mathuba ophuhliso lootitshala aya kwaziswa izikolo (makufundwe **isiHlomelo A**).

## 8. Izibonelelo zeThekhnoloji

lindidi zezibonelelo eziquka konke ziyafumaneka kwi-WCED ePortal yaye zihlaziywa qho (makufundwe isiHlomelo A). Okuqukiweyo kwezi zibonelelo phantsi kwe-“Teacher Side-kick” yi-digital learning **Emergency content pack for teachers** ukuncedisa ukomeleza inkqubo yokufundisa nokufunda ngaphandle kwamasango esikolo (makufundwe **isiHlomelo A**).

## 9. Ikharityhulam yeSebe i-DBE etshintshwe apha naphaya

- 9.1 Igqityiwe inkqubo yokutshintshwa kwekharityhulam apha naphaya, ngokusekelwe kwikhalenda yesikolo ehlaziyiweyo. Kucelwa nijonge le linki ilandelayo kwiziko lewebhu leSebe i-DBE apho anokufunyanwa khona onke amaxwebhu achaphazelekayo:  
<https://www.education.gov.za/Home/RecoveryPlan2020.aspx>
- 9.2 Oku kuquka iSetyhula yeSebe i-DBE i-Circular S2 ka-2020, yomhla we-23 Meyi 2020, ecacisa inkqubo, kwakunye nemigqaliselo exhasa oku kulungelelaniswa nokucwangciswa kwakhona kwekharityhulam.
- 9.3 Le theyibhile ingezantsi inika isishwankathelo samaxwebhu anokufunyanwa kwiBakala 7 nele-12.
- 9.4 Amaxwebhu amanye amabakala, kwakunye nezikhokelo ze-SBAs kuya kwaziswa izikolo ngawo kwizikolo emva koku.

|   | <b>IBakala</b> | <b>Igama loxwebhu</b>  |
|---|----------------|--|
| 1 | 12             | <i>National Annual Teaching Plans (Content Subjects)</i>         |
| 2 | 12             | <i>National Annual Teaching Plans (Languages)</i>                |
| 3 | 10–12          | <i>National Phase Content Plan (Content Subjects)</i>            |
| 4 | 10–12          | <i>National Phase Content Plan (Home Languages)</i>              |
| 5 | 10–12          | <i>National Phase Content Plan (First Additional Languages)</i>  |
| 6 | 10–12          | <i>National Phase Content Plan (Second Additional Languages)</i> |

|   |     |   |
|---|-----|---|
| 1 | 7   | <i>National Annual Teaching Plans (Content Subjects)</i>        |
| 2 | 7   | <i>National Annual Teaching Plans (Languages)</i>               |
| 3 | 7-9 | <i>National Phase Content Plan (Content Subjects)</i>           |
| 4 | 7-9 | <i>National Phase Content Plan (Home Languages)</i>             |
| 5 | 7-9 | <i>National Phase Content Plan (First Additional Languages)</i> |

| Icandelo | Iphulo   | Injongo yenkxaso  | I-Weblink  |
|----------|--|---|--|
| I-GET    | Iphepha elinye lesifundo ngasinye                      | Inkxaso yokuhlaziya nokufunda ukwenzela ootitshala, abazali nabafundi njengokuba amaBakala ebethelela umsebenzi owenziweyo kwiKota 1  | <a href="https://wcedportal.co.za/eresource/90931">https://wcedportal.co.za/eresource/90931</a>  |
|          | Iincwadi zomsebenzi zeSebe i-DBE zoLwimi neMathematika | Ukuhlaziya nokulungiselela umsebenzi omawenziwe kwiKota 2   | <a href="https://www.education.gov.za/Curriculum/LearningandTeachingSupportMaterials(LTSM)/Workbooks.aspx">https://www.education.gov.za/Curriculum/LearningandTeachingSupportMaterials(LTSM)/Workbooks.aspx</a>  |
|          | Izifundo zaqho ngeveki                                 | Izifundo ezijongene nekhontenti engundoqo nezakhono kwizifundo zabafundi zenziwe yaye zahanjiswa nge-imeyili nango-WhatsApp kuzo zonke izikolo kusetyenziswa ii-ofisi zezithili | AmaBakala R-3:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/92236">https://wcedportal.co.za/eresource/92236</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/93061">https://wcedportal.co.za/eresource/93061</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/node/94156">https://wcedportal.co.za/node/94156</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/101201">https://wcedportal.co.za/eresource/101201</a><br>AmaBakala 4-6:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/92191">https://wcedportal.co.za/eresource/92191</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/93051">https://wcedportal.co.za/eresource/93051</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/94176">https://wcedportal.co.za/eresource/94176</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/102396">https://wcedportal.co.za/eresource/102396</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/105001">https://wcedportal.co.za/eresource/105001</a><br>AmaBakala 7-9:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/92186">https://wcedportal.co.za/eresource/92186</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/93046">https://wcedportal.co.za/eresource/93046</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/97196">https://wcedportal.co.za/eresource/97196</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/102416">https://wcedportal.co.za/eresource/102416</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/105031">https://wcedportal.co.za/eresource/105031</a> |
|          | Ukufunda okusemgangathweni ekhaya                      | Inkxaso kubazali ekufundeni nakwimisebenzi yemihla ngemihla   | <a href="https://wcedportal.co.za/partners/#103111">https://wcedportal.co.za/partners/#103111</a>  |



| Icandelo | Iphulo  | Injongo yenkxaso   | I-Weblink   |
|----------|---|--|---|
| I-FET    | Iphhepha lesifundo ngasinye                     | Inkxaso kuhlaziyo nokufunda ukwenzela ootitshala, abazali nabafundi njengokuba amaBakala 10-12 ebethelela umsebenzi owenziweyo kwikota 1                                   | <a href="https://wcedportal.co.za/eresource/88506">https://wcedportal.co.za/eresource/88506</a>   |
|          | Imathiriyeli yokufunda nokufundiswa yeBakala 12 | Uhlaziyo olwenzelwa abafundi bematriki kwizifundo ezikhethiweyo  | <a href="https://wcedportal.co.za/eresource/90261">https://wcedportal.co.za/eresource/90261</a>   |
|          | Izifundo zeTelamathiki (Telematics)             | Usasazo ngqo lwezifundo zifundiswa (telematic broadcasts) kwizifundo ezikhethiweyo okanye kusetyenziswa izifundo esele zirekhodiwe   | <a href="https://schools.sun.ac.za/login/index.php">https://schools.sun.ac.za/login/index.php</a>   |
|          | Izifundo zaqho ngeveki                          | Izifundo ezijongene nekhontenti engundoqo nezakhono kwizifundo zabafundi zenziwe zahanjiswa nge-imeyili nango-WhatsApp kuzo zonke izikolo kusetyenziswa ii-ofisi zezithili | AmaBakala 10-12:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/92511">https://wcedportal.co.za/eresource/92511</a> (W1)<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/93481">https://wcedportal.co.za/eresource/93481</a> (W2)<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/94171">https://wcedportal.co.za/eresource/94171</a> (W3)<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/99256">https://wcedportal.co.za/eresource/99256</a> (W4)<br>IBakala 10:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/105831">https://wcedportal.co.za/eresource/105831</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/106171">https://wcedportal.co.za/eresource/106171</a><br>IBakala 11:<br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/99321">https://wcedportal.co.za/eresource/99321</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/106196">https://wcedportal.co.za/eresource/106196</a><br>IBakala 12: |

|  |  |  |  |
|--|--|--|--|
|  |  |  | <a href="https://wcedportal.co.za/eresource/105841">https://wcedportal.co.za/eresource/105841</a><br><a href="https://wcedportal.co.za/eresource/106206">https://wcedportal.co.za/eresource/106206</a> |
|--|--|--|--|

| Icandelo                         | Iphulo   | Injongo yenkxaso   | I-Weblink  |
|----------------------------------|--|--|--|
| Ele-<br>eLearning<br>&<br>I-CTLI | Uphuhliso lootitshala<br>kumsebenzi<br>wokufundisa | Imenyu equka konke yeekhosi<br>zophuhliso lootitshala eziku-intanethi<br>ezifumaneka kwizihloko ezininzi<br>ezahluka-hlukeneyo.<br><br>Uxwebhu lwesikhokelo se-eLearning<br>ukunceda iinqununu nootitshala<br>ekufundiseni ngaphandle kwamasango<br>eziko lokufunda. | <a href="https://wcedportal.co.za">https://wcedportal.co.za</a><br><a href="https://wcedctli.co.za/">https://wcedctli.co.za/</a><br><br><a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/eteacher">https://wcedeteacher.wixsite.com/eteacher</a><br><a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/covid19/free-courses">https://wcedeteacher.wixsite.com/covid19/free-courses</a> |
| I-WCED<br>ePortal                | Amanye amaqonga<br>enkxaso ka-intanethi            | I-WCED ePortal   | <a href="https://wcedportal.co.za">https://wcedportal.co.za</a>  |
|                                  |  | I-CTLI yeSebe iWCED  | <a href="https://wcedctli.co.za/">https://wcedctli.co.za/</a>  |
|                                  |  | I-WCED Online  | <a href="https://wcedonline.westerncape.gov.za/">https://wcedonline.westerncape.gov.za/</a>  |
|                                  |  | I-WCED Moodle Site   | <a href="https://wcedelearn.westerncape.gov.za/">https://wcedelearn.westerncape.gov.za/</a>  |
|                                  |  | I-WCED COVID-19 info   | <a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/covid19">https://wcedeteacher.wixsite.com/covid19</a>  |
|                                  |  | I-WCED Coding  | <a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/coding/what-is-coding">https://wcedeteacher.wixsite.com/coding/what-is-coding</a>  |
|                                  |  | I-WCED eTeacher  | <a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/eteacher">https://wcedeteacher.wixsite.com/eteacher</a>  |
|                                  |  | I-WCED Hubs  | <a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/hubs">https://wcedeteacher.wixsite.com/hubs</a>  |
|                                  |  | I-WCED ICT Adoption Strategy   | <a href="https://wcedeteacher.wixsite.com/adoption-online">https://wcedeteacher.wixsite.com/adoption-online</a>  |

Umzekelo wesicwangciso sokufundisa esihlaziyiweyo (*revised teaching plan*) we-Technology kwiBakala 7:

(<https://www.education.gov.za/Home/RecoveryPlan2020.aspx>)

| Week   | CAPS topic | Content, concepts and skills   | Resources  |
|--|------------|--|--|
| <b>Technology Senior Phase: COVID-19 Teaching Plan (Revised ATP) Grade 7</b> |            |  |  |
| Revised Term 2 content   |            |  |  |
| Week 1   | Structures | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Definition and purpose of structures to contain, protect, support, span.</li> <li>• Classification of structures: natural and man-made.</li> <li>• <b>Types of structures: shell, frame, solid – learners complete a worksheet.</b></li> </ul>  | Textbooks<br>Siyavula workbook<br>Worksheets<br>Applicable resources |
| Week 2   |            | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Investigate: a cell phone tower – a frame structure.</li> <li>• Case study: examine existing towers strengthened by triangulation, including pylons, windmill++s and mine headgear.</li> </ul>  | Textbooks<br>Siyavula workbook<br>Applicable resources               |
| Week 3   |            | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Evaluate: worksheet on the advantages and disadvantages of telephone systems<br/><b>Landline vs. mobile. Learners complete a table.</b></li> </ul>  | Textbooks<br>Siyavula workbook<br>Applicable resources               |
| Week 4   |            | <p><b>Action research: to stiffen materials/structures</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Practical activity 1 – Stiffen a structural material by <u>tubing</u> – individual activity</li> <li>• Practical activity 2 – Stiffen a structural material by <u>folding</u> – individual activity</li> <li>• Practical activity3–stiffen a frame structure by <u>triangulation</u> –individual activity</li> </ul> | Textbooks<br>Siyavula workbook<br>Worksheets<br>Applicable resources |

An example of a revised teaching plan for **Computer Applications Technology (CAT) in Grade 12**

| Term 3<br>(37 days)         | 03–14 August   | 17 August–01 September  | 02–23 September   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
|-----------------------------|--|---|---|----------------------|-------------------|---------|---------|-----------|-----------|--------------|---------------|--------------------------|-----------------------------------|-----------------------|----------------------------------|-----------------|---|----------|--|--------------------|--|
| CAPS topic                  | Information management and PAT   | Content using case studies  | Trial examination   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Concepts, skills and values | Practical Assessment Task: Reinforce Information Management skills. Use information and data gathered. Processing and analysing. | <p>Reproduce and create documents that incorporate text, graphics and data. Manipulate graphics and text within documents. Use integrated software to create and design documents for specific purposes. Apply general principles of layout and design to a document process. Emphasise information using techniques such as placement and colour. Create documents by customising templates. Use media, visual literacy and technology skills to create products that express understanding.</p> <p>Identify general hardware configuration: Understand computers and their uses. Make better buying decisions, interpret advertisements and make judgements about quality and usefulness when buying equipment and software. Know how to fix ordinary computer problems and deal with challenges that arise from utilising computers. Know how to use the Internet and email. Appropriate use application packages.</p> <p>Make informed decisions and choices in selecting communication devices and modes of communications for a given scenario. Know how to protect oneself against online threats.</p> <p>Understand technology concepts, systems and operations and how it operates efficiently, effectively and accurately. Understand when to upgrade, when</p> | <p>Cognitive levels:<br/>Lower order – 30%<br/>Middle order – 40%<br/>Higher order – 30%</p> <table border="1"> <thead> <tr> <th>Practical Paper (P1)</th> <th>Theory Paper (P2)</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>3 hours</td> <td>3 hours</td> </tr> <tr> <td>180 marks</td> <td>150 marks</td> </tr> <tr> <td>7 Questions:</td> <td>10 Questions:</td> </tr> <tr> <td>Q1–2:<br/>Word processing</td> <td>Section A:<br/>Q 1–3<br/>(25 marks)</td> </tr> <tr> <td>Q3 –4:<br/>Spreadsheet</td> <td>Section B:<br/>Q4–8<br/>(75 marks)</td> </tr> <tr> <td>Q5:<br/>Database</td> <td>Section C:<br/>Integrated scenario<br/>(50 marks)</td> </tr> <tr> <td>Q6: HTML</td> <td></td> </tr> <tr> <td>Q7:<br/>Integration</td> <td></td> </tr> </tbody> </table> | Practical Paper (P1) | Theory Paper (P2) | 3 hours | 3 hours | 180 marks | 150 marks | 7 Questions: | 10 Questions: | Q1–2:<br>Word processing | Section A:<br>Q 1–3<br>(25 marks) | Q3 –4:<br>Spreadsheet | Section B:<br>Q4–8<br>(75 marks) | Q5:<br>Database | Section C:<br>Integrated scenario<br>(50 marks) | Q6: HTML |  | Q7:<br>Integration |  |
| Practical Paper (P1)        | Theory Paper (P2)  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| 3 hours                     | 3 hours  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| 180 marks                   | 150 marks  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| 7 Questions:                | 10 Questions:  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Q1–2:<br>Word processing    | Section A:<br>Q 1–3<br>(25 marks)  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Q3 –4:<br>Spreadsheet       | Section B:<br>Q4–8<br>(75 marks)   |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Q5:<br>Database             | Section C:<br>Integrated scenario<br>(50 marks)  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Q6: HTML                    |  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |
| Q7:<br>Integration          |  |   |   |                      |                   |         |         |           |           |              |               |                          |                                   |                       |                                  |                 |   |          |  |                    |  |

|   |   |  |  |
|---|---|--|--|
|   |   | to buy new equipment or software and how to make informed decisions.   |  |
| Requisite pre-knowledge                             | Extension and progression of content covered in previous term, Grades 10 and 11.  | Extension and progression of content covered in previous terms, Grades 10 and 11.                                    |  |
| Resources (other than textbook) to enhance learning | Computer with appropriate software application and hardware. Internet. Slide presentations. Data projector. PAT rubric and learner checklist. | Computer with appropriate software applications and hardware. Internet. Slide presentations. Data projector. Videos. |  |
| Informal assessment, remediation                    | Google quizzes, Kahoot!, observation, competitions, peer-assessment, extended opportunities/activities, etc.                                  | Google quizzes, Kahoot!, observation, competitions, peer-assessment, extended opportunities/activities, etc.         |  |
| SBA (formal assessment)                             | Practical Assessment Task: Phases 1 (revised), 2 (revised) and 3 (final)  |  | Assessment Task 5: Preliminary examination |

## Ukuqelelana ngethuba lokufundisa nokufunda

### 1. Ukuqelelana (*Social distancing*)

- 1.1 Ukuqelelana njendlela yokunqanda ukudibana ubuso ngobuso ngokuyimpumelelo phakathi komntu wonke ngethuba leeyure zesikolo kumasango esikolo. Ukwenza oku kusebenze, abasebenzi nabafundi bamele ukufundiswa nge-COVID-19, ngokuba inwenwa njani namanyathelo afunekayo ukunciphisa ifuthe lalo bhubhane.
- 1.2 Amanyathelo athathiweyo eklasini amele ukubandakanya izicwangciso zokunciphisa iingozi zezempilo nokhuseleko kumntu wonke kumasango esikolo. Izikhokelo zeSebe iWCED zokusebenza kwezikolo zikarhulumente ngethuba le-COVID-19 lentlekele kuzwelonke ezicacisa iifundo zokhuseleko ezimiselweyo.

### 2. Izicwangciso zendawo engqonge ukufundisa nokufunda ekhuselekileyo

#### 2.1 Iifundo ezimiselweyo eziqhelekileyo

- 2.1.1 Wonke umntu ongena kwindawo yokufundisa (iklasi, ilebhu, indawo yomsebenzi wobugcisa, igumbi lekhompyutha okanye iholo yesikolo) umele ukunxiba imaski.
- 2.1.2 Inani labantu abavumelekileyo kwindawo yokufundisa limele ukungqinelana nemfundo emiselweyo yokugcina umgama we-1.5 imitha phakathi kwabantu.
  - lidesika zabafundi mazibe kumgama we-1 imitha ubuncinane phakathi kwazo – kuya kufuneka kulungiswe indlela yokuhlala kwabo yangaphambili.
  - lidesika mazilungiswe ngemiqolo, iidesika zijonge phambili ukunciphisa ukujongana kwabafundi ubuso ngobuso omnye nomnye.
  - Makubekho umfundi omnye kwidesika nganye, kangangoko kunokwenzeka oku, yaye abafundi mabasebenzise idesika enye yonke imihla.
  - Makuvulwe iifestile neminyango ukuba kunokwenzeka ukuqinisekisa ukuba kukho umoya ongenayo nophumayo.
  - Ukusebenzisana ngentlonipho phakathi kootitshala nabafundi naphakathi kwabafundi nabanye abafundi kubalulekile ukulungiselela ukuqhubeka kokufundisa nokufunda okuyimpumelelo.
  - Apho kunako, makubekwe izicoci ezibulala intsholongwane ezandleni ekungeneni kwindawo yokufundisela nokuqinisekisa ukuba nawuphi na umntu ongenayo okanye ophumayo eklasini ucoca izandla zakhe.
  - Makusetyenziswe imizuzu emihlanu yokuqala yonke imihla ukukhumbuza abafundi ngokubaluleka kokusebenzisa “imithetho esisiseko” yokuthintelwa kokunwenwa kwentsholongwane.

- Ukuphendula ngovelwano okuyimfuneko kwimibuzo abanayo abafundi.

## **2.2 Ukucwangcisa ukufundisa**

- 2.2.1 IiNqununu neeSMTs bamele ukuqulunqa izicwangciso zabo zolawulo nokubeka esweni ukufundisa ukuqinisekisa ukuba kugciniwe ukuqelelana phakathi kwabo ngethuba lokufundisa novavanyo.
- 2.2.2 Makunikwe ingcaciso malunga:
- nethayimthebhili yebakala (yamabakala) eliya kubuyela esikolweni;
  - inani labafundi abaya kuvunyelwa kumaqela eeklasi;
  - ukuba “izele kakhulu” iklasi kwizifundo zamanye amabakala, yeyiphi enye indawo enokusetyenziswa
  - ngubani omele ukufundisa okanye ukuququzelela ukufunda kwiklasi “ezeleyo”;
  - uphuhliso lootitshala ukulungiselela ukufundisa kunye nokuququzelela ukufundisa okunokwenzeka kunye
  - nokuba ngubani oya kuthwala uxanduva lwemisebenzi yezolawulo novavanyo kwiklasi “ezele kakhulu”.
- 2.2.3 Makuqwalaselwe ngokukodwa xa ootitshala befundisa abafundi ngabanye ngabanye ngethuba leenkqubo zokufundisa novavanyo – ukunqanda ukubambana.
- 2.2.4 Makulungiswe kwakhona izicwangciso zezifundo nemisebenzi ukunciphisa ukwabelana ngeencwadi/ngemathiriyeli nokugqithiselana ngezinto omnye komnye.
- 2.2.5 Abafundi mabangabolekisini ngezinto ezifana neepeni, iirula neekhalithyuleyitha, njl.njl.
- 2.2.6 Ootitshala kunye nabafundi baya baya kuthwala uxanduva lokucoca ngesibulala-ntsholongwane izinto zokufundisa nokufunda.
- 2.2.7 Kungcono ukuba ootitshala bahamba-hambe phakathi kweeklasi ukwenzela izifundo kunokuba bafune abafundi bahamba-hambe ukuya kwiiklasi ezahlukileyo.
- 2.2.8 Imbalelwano eya kubazali/kubagcini babafundi imele ukubandakanya izicwangciso ezenziweyo ukulandela mbo umqathango wokuqelelana phakathi kwabantu kwakunye nezicwangciso eziya kuphunyezwa ukuphelisa iingozi zokubasemngciphekweni we-COVID-19 esikolweni. Makuqondwe nokuba ezi zicwangciso zingatshintsha ukuba inqanaba lokosuleleka kwabantu liyenyuka de libangele ukuba iprogram yesikolo iphazamiseke.
- 2.2.9 Iinqununu maziqinisekise ukuba kukho inyathelo longxamiseko elithathwayo lokumbambela loo titshala okanye elo volontiya lithe lagula.
- 2.2.10 Xa imisebenzi yokufundisa nokufunda iqhubekayo ngaphandle kweeklasi, abafundi bamele ukukhuthazwa baqelelane.
- 2.2.11 Makulandelelwe abafundi nabasebenzi abangekhoyo ukwenzela ukufumana inkcazelo emakunikwe ingxelo ngayo.

**3. Izinto emazithathelwe ingqalelo xa kubhalwa iimviwo/iimvavanyo okanye kusenziwa ii-PATs**

- 3.1 Umfundi ngamnye makasoloko enxibe imaski.
- 3.2 Makuqinisekiswa ukuba kukho iidispensa zezicoci ezibulala iintsholongwane ezandleni ezibekwe jikelele apha kwindawo leyo.
- 3.3 Ukuba ikhona indawo, makulungiswa izitulo ukwenzela ukuba abafundi babe kumgama we-1,5 imitha ukuqelelana ubuncinane.
- 3.4 Emva kokuqhubeka kovavanyo, makugcinwe amagama neenkukacha zabafundi bonke kangangenyanga enye ubuncinane. Oku kuya kunceda abasemagunyeni bezempilo ukuba babalandelele abantu abanokuba basemngciphekweni weCOVID-19, ukuba kungenzeka umntu omnye okanye abangaphezulu bagule kamsinya emva kovavanyo.
- 3.5



Izinto emazithathelwe ingqalelo ekucwangciseni ukufundisa ukwenzela unyaka wesikolo ka-2020 uwonke.

